



Isalathiso: 20170228-8693
12/2/11/1/2
Imibuzo: S Rampou/A Mather

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam yeGET: DCG 0008/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli; kumaSekela Balawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam; kuBaphathi bezeNgcaciso, uLawulo noKuphathwa kwaBasebenzi ngoBuchule; kuBaphathi beeSekethe; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaqquzeleli beGET; kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente nezezikolo ezidibeneyo

Isihloko: Isaziso ngoqeqesho loofitshala beBakala 6 be-Natural Sciences ne-Technology

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) likubeke phambili ukunika uqeqesho kubo bonke oofitshala beBakala 6 be-Natural Sciences and Technology (NST).
2. Uqeqesho luya kuqhutywa kuzo zonke izithili kwithuba leentsuku ezintathu noluya kulandelwa yinxaso eya kuqhubekela kwiisekethe isuka kubacebisi ngezifundo be-NST ukubethelela ulwazi lwekhontenti nokwakha iqonga lokwabelana ngamava okufundisa (*community of practice*).
3. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa bonke oofitshala beBakala 6 beNST ukuba olu qeqesho lungentla luya kuqhubeka ngokulandelayo:

**NgoMvulo, 17 Julayi –
ngoLwesithathu, we-19 Julayi
2017**

Uqeqesho luya kuqhubeka iintsuku ezi-3.
Lwenzeka ngala maxesha alandelayo:

- NgoMvulo: Kuyabhaliswa ngo-08:00
- NgoMvulo nangoLwesithathu: 18:30–16:00

4. Kucelwa uqaphele ukuba uqeqesho luya kuqhubeka kwezi ndawo zilandelayo zifikeleleka kumntu wonke ezikwizithili:

ISithili	Indawo	Idilesi	Ifoani
Metro Central	Oaklands High	Kwikona yeendlela i-Racecourse ne-Chukker Roads, e-Lansdowne	021 761 7302
Metro East	Axios School of Skills	Old Faure Road, Faure	021 904 5306/7
Metro North	Elsies River High School	Halt Road, Elsie's River	021 932 5085
Metro South	Christel House	Swallowcliff Drive, Ottery	021 704 9400
Cape Winelands	Worcester Gymnasium	Tulbagh Street, Worcester	023 347 0426
	Drakenstein PS	Uys Street, Denneburg Paarl	021 872 4975
Eden and Central Karoo	PW Botha HS	Unie Street, George	044 874 4166
	Bridgton SS	Bergin Street, Oudtshoorn	044 274 0836
Overberg	Swartberg PS	Koalisie Street, Caledon	028 212 1927
West Coast	Olifantsvallei PS	Muller Street, Citrusdal	022 921 2100

5. Inkqubo yokubhalisa

Kucelwa iinqununu zizalise le fom yokubhalisa iqhotyoshelweyo (isiHlomelo A) zize ziyibuyisele kuMququzeleli weGET wesithili ochaphazelekayo **ngomhla okanye phambi kolwesihlanu, 12 Meyi 2017.**

6. Ezohambo

6.1 Kuya kuhlululwa isibonelelo sohambo, phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- Abantu abayileyo kuqeqesho luphela mabangqinisiswe.
- Umgama uwonke ohanjiweyo kwithuba **leentsuku eziyi-3 mawudlule kwi-60 km**, o.k.t. ubuncinane ibe yi-20 km yohambo lokuya nokubuya ngosuku.
- Umgama uwonke ohanjiweyo kwithuba **leentsuku eziyi-3 ekwenziwa ibango lawo mawungadluli kwi-420 km**, o.k.t. ungadluli kwi-140 km yohambo lokuya nokubuya ngosuku. Abathathi-nxaxheba abagqithisayo kulo mgama abasayi kwenzelwa mbuyiselo yemali (*will not be reimbursed*) ngomgama ongaphezu kwe-420 km ohanjiweyo yaye bayacetyiswa babhalisele indawo yokulala endaweni yoko.

6.2 Izicelo zamabango ohambo ziya kuhlolwa ngokwezi khrayitheriya zilandelayo:

Ukusebenzisa imoto yakho	Kangangoko kunako, ootitshala mababelane ngezithuthi. Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango leekhilomitha ezihanjwayo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlululwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa umthamo wenjini.	
Usetyenziso lweklabhu yelifiti (ehlawulelwayo okanye eyasimahla) kwimoto	Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango leekhilomitha ezihanjwayo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlululwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa umthamo wenjini.	
Usetyenziso lwebhasi yesikolo	Isikolo masifake ileta echaza ukuba kwakusetyenziswe ibhasi yesikolo ukuya kule khosi, amagama abakhweli nomgama ohanjwayo. Kuya kuhlululwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ngekhilomitha nganye. Akusayi kusetyenziswa umthamo wenjini.	
Usetyenziso lomboneleli-nkonzo obhalisiweyo <i>Qaphela: makufumaneke imvume kwangaphambili ebhaliweyo esuka kumququzeleli weGET wesithili.</i>	Inyathelo 1	Isikolo masifumane iikoteshini zibe ntathu phambi kokuqhubeka koqeqesho.
	Inyathelo 2	Isikolo masifake ezi koteshini kumququzeleli weGET wesithili. Kuya kwamkelwa eyona koteshini ifikeleleka kakhulu.
	Inyathelo 3	Umququzeleli weGET makanike inqununu isiqinisekiso esibhaliweyo sokuba inkonzo leyo ingafumaneka ngemvumelwano.
	Inyathelo 4	Isikolo masilungiselele ukuqesha inkonzo leyo.
	Inyathelo 5	Emva kwenkonzo ISIKOLO masihlawule umboneleli-nkonzo yaye sifumane irisithi.
	Inyathelo 6	Ukwenzela ukuba isikolo senzelve imbuiselo yemali, isikolo eso masifake ileta kumphathi ojongene nezicelo wesithili echaza ukuba kusetyenziswe umboneleli-nkonzo kwanokudweliswa kwamagama abakhweli kunye neenkukacha zomgama ohanjwayo. Makuqhotyoshelwe iikoteshini, imvume yomququzeleli weGET ne-invoyisi yokugqibela ehlawuliweyo.

	<p>Onke amaxwebhu makagcinwe njengobungqina ukulungiselela umphicothi-ncwadi wangaphakathi.</p> <p>I-WCED iya kwenza imbuyiselo yemali kwisikolo KUPHELA kusakuba kufumaneka amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume ebhaliweyo ekhutshwe kwangaphambili yomququzeleli weGET wesithili.</p> <p>Ootitshala mabalungiselele ukuthutha abantu abaliqela bebathatha kwindawo efikelelekayo kumntu wonke.</p>
<p>Usetyenziso lwezithuthi zikawonkewonke, umz. iiteksi, ibhasi okanye uloliwe ukuhamba umgama omfutshane</p>	<p>Izicelo zamabango mazibonise indawo apho luqala khona nalapho luphela khona uhambo.</p> <p>Imbuyiselo yemali iya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo.</p> <p>Kunokucelwa ubungqina (amatikiti) ligosa elijongene nezicelo zamabango ukwenzela ukuba zingqinisiswe ngokusemthethweni.</p> <p>Akuvumelekile ukwenza izicelo zamabango zamaxabiso eeteksi ii-metered taxis.</p>

7. Indawo yokulala nokutya (kwizithili zasemaphandleni kuphela)

7.1 I-WCED iya kuhlawulela indawo yokulala nokutya kwizithili zasemaphandleni kuphela, phantsi kwale miqathango ilandelayo:

- Umgama wokuya kwindawo ekuqhutyelwa kuyo uqeqesho **mawudlule kwi-50 km** ukuya kwicala elinye, o.k.t. mayibe yi-100 km ukuya nokubuya.
- Abantu abayileyo kuqeqesho luphela mabangqinisiswe.
- Ubhaliso malugqitywe kwangethuba elingaphambili.
- Iintlobo zeendawo zokulala zibhaliwe kwingongoma 7.3.
- Kunokukhethwa indawo ibe nye (jonga ingongoma 7.3) yaye bengasayi kwenzelwa mbuyiselo yemali ootitshala ngalo naluphi utshintsho okanye ukuba baye bafuna enye indawo yokulala.

7.2 Kuya kunikwa indawo yokulala ukususela ngomhla wokuqala ukuya kutsho kumhla wokugqibela wekhosi yoqeqesho, kukho nokukhetha ukutshekhina ngo-14:00 nango-17:00 ngosuku olwandulela ukuqala kukamasifundisane.

7.3 Ootitshala abakufaneleyo ukufumana indawo yokulala banako ukubhalisela ENYE yezi ndawo zinokukhethwa zilapha ngezantsi:

<p>Amaziko abonelela ngenkonzo yeendwendwe umz. ibhedi nesidlo sakusasa, iindawo zeendwendwe</p>	<p>Makusebenze le miqathango ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R300 ngosuku ngalunye ukwenzela isidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa. • I-invoyisi engelokhutshelo esuka kwiziko elo mayisanwe ngabantu ababini (<i>countersigned</i>) oko
--	--

neehotele	<p>kusenziwa ngumenzi-sicelo ize ingeniswe kwikhosi leyo yoqeqesho.</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlawulwa kwezicelo ezineenkukacha ezingaphelelanga okanye ezifike emva kwexesha azinakuqinisekiswa (<i>not guaranteed</i>). 	
Indawo yokulala yosapho/yabahlobo	<p>Makusebenze le miqathango ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kunokwenziwa isicelo sebango ukuya kutsho ku-R130 ngosuku ngalunye ngesidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa. • Isicelo sebango masikhatshwe yi-afidavithi efungelweyo esuka kwisizalwana/kumhlobo ochaphazelekayo, esinesignitsha yabantu ababini (<i>countersigned</i>) ngumenzi-sicelo yaye ingeniswe kwikhosi yoqeqesho. 	
Iimvumelwano zokurenta/zokuqeshisa	<p>Kuya kusebenza le miqathango ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Isikolo siya kuba noxanduva lokwenza amalungiselelo okulala nentlawulo (zonke iindleko zesidlo sangokuhlwa, ibhedi kunye nesidlo sakusasa) yoko. • Makulandelwe inkqubo esemthethweni: 	
	Inyathelo 1	<p>Isikolo masifake ileta eya kumququzeleli weGET, kwangaphambili, sicele ukusetyenziswa kweziko elirentisayo ukulungiselela iqela loofitshala. Makunikwe iinkukacha zendawo yokulala, kuqukwa imvumelwano yokuqeshisa, kunye namagama oofitshala.</p>
	Inyathelo 2	<p>Umququzeleli weGET makanike imvume yokwenziwa kwala malungiselelo ngencwadi ebhaliweyo. Akukho malungiselelo anokwenziwa agqitywe ingafumanekanga le ncwadi ebhaliweyo.</p>
	Inyathelo 3	<p>Isikolo masihlawule yaye singenise irisithi namaxwebhu akhaphayo (okuqeshisa nokunika imvume yomququzeleli weGET) kwikhosi yoqeqesho.</p>

	<ul style="list-style-type: none"> • Isicelo sebango siya kuthathwa njengebhili enye, ehlawulwa kwisikolo eso. • Kuya kuhlalulwa isixa esiphezulu seR250 ngosuku ngalunye kutitshala ngamnye – oku kuquka iindleko zokulala, isidlo sangokuhlwa, ibhedi nesidlo sakusasa. Isixa ncakasana esibuyiselweyo siya kuthi, nakuba kunjalo, sixhomekeke kwiindleko ncakasana, ukuya kutsho ubuninzi kuma-R250 ngomntu ngamnye ngosuku. Naziphi iindleko ezingaphezulu kwesi sixa azisayi kuhlalulwa yiWCED. • Zonke iirisithi zokutya ezingelokhutshelo (<i>original</i>), amaphetshana eethili, njl. njl. makasayinwe afakwe kunye nengcaciso esisishwankathelo. • Sonke isicelo sebango masifakwe njengebhili enye kunye neleta enika ingcaciso (<i>covering letter</i>) esuka esikolweni ixhaswa ngawo onke amaxwebhu angelokhutshelo.
--	---

8. Indlela yokufaka isicelo sokwenza ibango

- 8.1 Bonke ootitshala abanqwenela ukufaka isikhalazo mabazalise le Fom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) iqhotyoshelweyo bayifake kwi-ofisi ejongene nezicelo zamabango kwindawo yoqeqesho ngosuku lokuqala. IFom yeeNkcukacha zeBhanki (*Bank Details Form*) mayifakwe isitampu yibhanki yaye makufakwe ifom engelokhutshelo (*original*) kuphela. Azisayi kwamkelwa iifeksi okanye iifotokopi. Ootitshala mabazalise le fom PHAMBI kokuba luqale uqeqesho (oko kukuthi, fika kwindawo yendibano nale fom sele izalisiwe).
- 8.2 Zonke izicelo zamabango mazikhatshwe ngamaxwebhu angelokhutshelo (*original documentation*). Azisayi kwamkelwa iifeksi okanye iifotokopi.
- 8.3 Abenzi bezicelo zamabango baya kuhlalulwa imbuyiselo yemali kuphela emva kokugqitywa kwekhosi yoqeqesho yaye ngoko ke kuya kufuneka bazihlawulele iindleko zabo kwasekuqaleni. Apho kuyimfuneko, kucelwa izikolo zancedise ootitshala bazo ngokuphathelele koku. Makugcinwe ubungqina beentlawulo ezenziweyo.
- 8.4 Iimbuyiselo zemali ziya kwenziwa kuphela emva kokuqwalaselwa ngobunono kwezicelo zamabango, yaye iWCED inelungelo lokwenza isigqibo sokugqibela apho kukho ukungangqinelani okanye ukungathotyelwa komgaqo khona.
- 8.5 Zonke izicelo zamabango mazifakwe kwindawo yoqeqesho apho amagosa aya kufumaneka khona ukunceda abenzi bezicelo zamabango.

8.6 Azisayi kwamkelwa izicelo zamabango ezifike emva kwexesha okanye ezineenkukacha ezingaphelelanga, ngaphandle kokuba kukho iimeko ezixolelekayo ngokukodwa, yaye imbuyiselo yemali ayinakuqinisekiswa (*not guaranteed*).

9. Imibuzo

Ukuba unayo nayiphi eminye imibuzo, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana nomququzeleli weGET wesithili:

ISithili	UMququzeleli	Ifofoni	I-imeyili	Ifeksi
Metro Central	Avrille Morgendal	021 514 6770	anna.morgendal@westerncape.gov.za	086 236 1892
Metro East	Benjamin Crombie	021 900 7051	benjamin.crombi@westerncape.gov.za	086 664 2631
Metro North	Malefo Makena	021 938 3104	malefo.makena@westerncape.gov.za	021 938 3183
Metro South	Lorraine Bailey	021 370 2041	lorraine.bailey@westerncape.gov.za	021 372 1856
Cape Winelands	Edgar Johannes	023 348 0605	edgar.johannes@westerncape.gov.za	086 555 0261
Eden and Central Karoo	Marietjie Beukes	044 803 8394	marietjie.beukes@westerncape.gov.za.	086 673 8499
Overberg	James Daniels	028 214 7363	james.daniels@westerncape.gov.za	028 214 7400
West Coast	Ursula Esau	021 860 1569	ursula.esau@westerncape.gov.za	086 562 3907

10. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bamaBakala 4 ukuya ku-6 beNST ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2017-03-30